

Ukungaphumli Novukelo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Num. 11:1–33, Num. 12:1–13; Num. 13:27–33; 14:1–23, 1 Kor. 10:1–11, Num. 14:39–45.*

Indima Yenkumbulo: “Zonke ke ezo zinto, zabahlelayo bona, beziyimifuziselo; zabhalelwa ke ukululeka thina aba, bafikelweyo ziziphelo zawo amaphakade” (1 Korinte 10:11).

Kwisithuba seenkulungwane, abantu abaninzi baye baphawule ukuziphatha okungaqhelekanga nokungabi nakuzola ezinjeni nakwezinye izilwanyana zasekhaya phambi kokuba kubekho iinyikima ezinkulu.

Oososayensi bafumanise ngoku ukuba izilwanyana zikuba kwantlandlolo ukuzamazama kokunyikima komhlaba—ukushukuma okunzima—okwandulela ukushukuma okukhulu. Yile meko echaza indlela yempambano eziziphatha ngayo izilwanyana, okanye eyobuphaku-phaku [ukungazinzi], kanye ngaphambi kokuba umhlaba uqale ukushukuma. Ezinye izilwanyana, njengeendlovu, zikwazi nokuva izandi eziphantsi kakhulu nokushukuma kwiindawo ezikude, abantu abangakwaziyo nokuziphawula.

Kwimizuzu embalwa ngaphambi kwenyikima eyayibunzima buyi-5.8- eyabetha indawo iWashington, D.C., ngoAgasti 23, 2011, ezinye izilwanyana kumzi wokuzigcina iSmithsonian Institution’s National Zoo zaqala azonwaba. Kuzo kwakukho iilemur [izilwanyana ezincinane eziluhlobo lwenkawu] ezaqala ukukhala kakhulu kuseyimizuzu eli-15 ngaphambi kokuba umhlaba uqale ukushukuma.

Kwisifundo sale veki, siya kuqwalasela imizekelo yokungabikho kokuphumla okungaqhelekanga emntwini okwabakho, hayi ngenxa yokulindeleka kwentlekele zendalo njengenyikima, kodwa, endaweni yoko, kukuba nesono kwabantu abawileyo ababengahlalanga koko uKristu akunika bonke abezayo kuYe ngokholo nokuthobela.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaJulayi 10..*

Ukungaphumli Entlango

UIsrayeli unokuba waziva engenaluphumlo nakonwaba xa babeshiya iSinayi besendleleni esinga eKanan. Kwaba ngaphezu komnyaka beyishiyile iYiputa (*Num. 1:1*). Babe kulungele ukungena eLizweni leDinga. Babe baliwe belungisiwe. Babeyibonile imimangaliso engakholelekiyo yothando lukwaThixo nemiqondiso ecacileyo yobukho bukaThixo. Noko kunjalo, bafika kwindawo yokuqala emva kokusuka kwabo eSinayi sebekhalaza.

Funda: Numeri 11:1–15. Akhalazela ntoni amaIsrayeli?

AmaIsrayeli abawela inyama, ikomkomere, ivatala, ilike, itswele nekonofile zaseYiputa. “Ngubani na oya kusinika inyama sidle. Sikhumbula iintlanzi esibe sizidla eYiputa ngelize, kwaneenkomkomere, neevatala, neelike, namatswele, nekonofile. Kungoku umphefumlo wethu womile; akukho nento, yile mana yodwa emehlweni ethu!” (*Num. 11:4–6*). Anokuba ayenengxaki yokulibala okunomkhethe xa ayekhumbula ukuba ebulibala ubukhoboka nobunzima obungathethekiyo (*thelekisa noEksodus 1*).

Ayesondliwa ngemana kaThixo ngaphezu komnyaka; kodwa aziva engonwabanga efuna nto yimbi. NoMoses wachukumiseka. Ukuzama ukukhokela iqela labantu abangonwabanga akukho lula. Phofu ke, uMoses wazi ukuba makabhenele kubani. “Yini na ukuba umphathe kakubi umkhonzi wakho lo? Yini na ukuba ndingababalwa nguwe, usuke uwubeke umthwalo waba bantu bonke phezu kwam?” (*Num. 11:11*).

Usabela njani uThixo kwizikalazo? Funda: Numeri 11:16–33.

UThixo akasiso isithulu kwizidingo zethu xa siziva singonwabanga. Kwimeko kaIsrayeli, wabanika isagwityi ukwanelisa ukulambela kwabo inyama. Phofu yayingeyiyo eyona nyama awayeyifuna ulsrayeli. Xa singonwabanga singazinzanga sinomsindo, loo nto sinomsindo ngayo isisiqhushumbisi nje—asinguye unobangela wedabi. Silwa kuba kukho into enzulu esingayifumaniyo, nethi ichukumise isiseko solwalamano lwethu.

UIsrayeli wakuvukela ukukhokela kukaThixo, nto leyo ekufuneka sonke siyilumkele, nokuba ithini imeko esikuyo nesingqongileyo, kuba kulula ukwenza kunokuba sicinga.

Kutheni le nto kulula ukukhumbula okudlulileyo njengokwakungcono kunokuba kwakunjalo ngokwenene?

Kuyasulela

Funda: Numeri 12:1–3. Baphazanyiswe yintoni uMiriyam noAron?

Okucacileyo, uMiriyam noAron babengonwabanga ngenxa yomfazi kaMoses ongumKhushi. UZiphora wayengowasemzini owayevela kwaMidiyan (*bona uEks. 3:1*). Naphakathi kwaba “phezulu” bakwaisrayeli, ukuwa kwendalo yethu kuyavezwa, kungangandlela entle kakhulu. (Ingaba ikhe ibentle?)

Umbhalo weBhayibhile, phofu, ubonisa ngokucacileyo ukuba la yayinga-mampunge nje. Eyona ndawo sasijonge kuyo isikhalazo sabo kwakukwisipho sokuprofeta. Kwisahluko esingaphambili, uThixo wamya uMoses ukuba anyule amashumi asixhenxe kumadoda amakhulu akwaisrayeli awayeza kunceda uMoses ukuthwala umthwalo wolawulo lobukhokeli (*Num. 11:16, 17, 24, 25*). UAron noMiriyam babe nenxaxheba enkulu nabo ebukhokelini (*Eks. 4:13–15, Mika 6:4*), kodwa ngoku baziva benomngeni kukukhuliswa kobukhokeli ngendlela entsha, bakhhalaza bathi, “UYehova uthethe ngoMoses yedwa yini na? Akathethanga nangathi na?” (*Num. 12:2*).

UThixo usabele njani kwesi sikhalazo? Funda: Numeri 12:4–13. Ucinga ukuba kutheni le nto uThixo wathabatha isigqibo?

Impendulo kaThixo iyakhawuleza yaye ayifuni nokuchazwa. Isipho sobuprofeti asisoxhobo sisetenziselwa ukufuna igunya elongeziweyo. UMoses wayebufanele kakhulu ubunkokeli kuba wayeyifundile indlela axhomekeke ngayo ngokupheleleyo kuThixo.

Into yokuba uMiriyam akhankanywe ngaphambi kuka-Aron inika into ethi unokuba wayengumphemeleli ekuhlaselweni kukaMoses. Ngeli xesha, uAron wayesesebenza njengombingeleli omkhulu. Ukuba wayebethwe ngeqhenqa, wayengayi kukwazi ukungena emnqubeni alungiselele ngenxa yabantu. Isohlwayo sikaThixo kuMiriyam ngeqhenqa lexeshna sixela ngokucacileyo ukunganeliseki kwaKhe ngabo bobabini saye sineda ukuveza ukuguquka kwengqondo okudingwa lolu sapho. Ukubongoza kuka-Aron ngenxa yakhe kuqinisekisa ukuba wayebandakanyeka naye (*Num. 12:11*), kwaye ngoku, endaweni yokugxeka nokungonwabi, sibona uAron ecengela uMiriyam, kwaye sibona uMoses emthethelela (*Num. 12:11–13*). Ngumoya lo, okanye ingqondo uThixo afuna ukuyibona ebantwini baKhe. Uyeva, kwaye uyamphilisa uMiriyam.

Nangona kuhlala kulula ukugxeka indlela elikhokelwa ngayo ibandla, kuyo yonke imigangatho, bekuya kuba buhle kangakanani ubomi basemoyeni bebandla kwanobethu ukuba, endaweni yokukhalaza, besingazithandazela sizicelela uxolo iinkokeli naxa singavumelani nazo?

Ukungonwabi Kukhokelela Kuvukelo

Ibali liqala kakuhle. Ekugqibeleni amaIsrayeli ade afika emideni yeKanan, kwaza kwathunywa iintlola ezili-12 ukuba ziye kulihlola ilizwe. Ingxelo yazo yayimangalisa.

Funda: Ingxelo yeentlola kuNomeri 13:27–33. Awa phantsi kwesiphi isithuba amathemba amaIsrayeli?

Nangona waya wangenelela uKalebhi, amazwi abathandabuzayo nabakrokroyo oyisa. UIsrayeli akaphumi ukuba ayokoyisa oko uThixo wayewathembise kona. Ngokungazinzi entliziyweni, anyula ukukhala nokukhalaza kunokuhamba ekhwaza uloyiso.

Xa singonwabanga entliziyweni, kunzima ukuhamba ngokholo. Ukungonwabi, phofu, akupheleli ekuchukumiseni iimvakalelo zethu. Oososayensi basixelela ukuba kukho umgca ohamba ungajiki wesenzo neziphumo phakathi kokuphumla okuncinane (okuquka ukungakwazi ukulala) nokukhetha okugwenxa, okuba neziphumo zokutyeba [ukukhuluphala] kakhulu, ukunqanqatheka, ukuxhalaba okukhulu okuhlangene nokungonwabi.

Funda: Numeri 14:1–10. Yintoni eyalandelayo?

Izinto zaya zibambi. Isicengo sikaKalebi esithi, “‘musani ukugwilika kuYehova’” (*Num. 14:9c*), asizange sithotyelwe, yasuka intlanganiso yonke yalungela ukuzixuluba ngamatye iinkokeli zayo. *Ukungabi nakuphumla kukhokelela ekuvukeleni, lona uvukelo ekugqibeleni lukhokelela ekufeni.*

“Iintlola ezingathembekanga zazithetha kakhulu ukusingela phantsi uKalebhi noYoshuwa, saza senyuka isikhalo sokuba baxulutywe. Isixuku esiphambeneyo sachola iingqanda zamatye ukuba abulawe loo madoda anyanisekileyo. Bagxalathelana ukuza ngaphambili benemikhwazo yempambano, kwaza kwathi ngeqbuliso awa amatye, qithi qithi ukuphuma ezandleni, kwakho inzolo kubo bonke, bangcangazela kukoyika. UThixo wayengenelele ukuza kunqanda icebo labo lokubulala. Ubuqaqawuli bobukho baKhe, njengokukhanya okudanyazelayo, kwawukhanyisa umnquba. Bonke abantu babona uphawu lukaYehova. Omkhulu kunabo wazityhila, akwaba sabakho namnye uqhubeka nenkcaso kubo. Iintlola ezazize nengxelo embi, zathi buthatha, zibethwa kukoyika, zathi, sezisebeza, zafuna iintente zazo.”—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 390.

Kanye ngelo xesha, ubuqaqawuli bukaYehova baziveza phambi kwabanu. Xa sifunda ibali kuNomeri 14, kubonakala ngokungathi umboniso wonke ube ugciniwe, kwaye ngoku sinikwa ithuba lokuba sibe nokuva incoko phakathi kukaThixo noMoses. UThixo uyaqonda ukuba nangona amatye ayefanele uMoses, noKalebhu noYoshuwa, ekugqibeleni uvukelo lubhekisa kuThixo yedwa.

Umthetheleli

UThixo wamnika ithuba lantoni uMoses phambi kolu vukelo? Funda: Numeri 14:11, 12.

UThixo uceba ukuba awatshabalalise amaIsrayeli aze enze uhlanga olutsha olu oluya kuba noMoses onguyise walo lonke.

Waphendula okanye wasabela njani uMoses kolu vukelo luphandle, lwaye lungabhekise kuye kuphela kodwa nakuThixo? (Num. 14:13–19).

Lixesha eli lokuba sikwazi ukumbona umntu onyanisekileyo kaThixo. Impendulo kaMoses, eyayigcinelwe ixesha, ilindele uMthetheli owayeza kuthi, ngaphezu kwe-1 400 leminyaka kamva, athandazele abafundi baKhe kwimbandezelo yabo (*Yohane 17*). Ngokwenene, koko kwenziwa nguMoses apha, abaninzi abafunda ngoThixo nabafundi beBhayibhile babone umzekelo woko kwenziwa nguKristu ngenxa yethu. Ityala labo, ityala lethu, alithandabuzeki. Noko kunjalo, uMose uyabongoza esithi, “ ‘ngokobukhulu benceba yaKho’ ” (*Num. 14:19*), nceda baxolele aba bantu. Ngoku, njengoko uYehova wenzayo ngelo xesha ngenxa yokuthethelela kukaMoses, wenza ngokunjalo ngeli xesha ukuxolela ngenxa kaYesu, owafayo ngenxa yethu wabuya wavuka nosithethelelayo.

Kungoko uMoses abongoza athi: “ ‘Buxolele, ndiyakukhunga, ubugwenxa baba bantu ngokobukhulu benceba yakho, njengoko ubuxoleleyo ubugwenxa baba bantu, uthabathele eYiputa wezisa apha’ ” (*Num. 14:19*). Ubabalo lulwa uvukelo nokungaphumli engcanjini. Uxolelo lunika ithuba leziqalelo ezitsha.

Kuko konke oku, kukho iindleko. Ubabalo alukwazi ukungabi nazindleko. Nangona abantu bexolelwe, basaya kujongana nesiphumo sovukelo lwabo, kwaye eso sizukulwana asisayi kungena eZweni leDinga (*Num. 14:20–23*).

Yena uThixo uya kubaxhasa eminye iminyaka engama-38 entlango. Uya kubondla. Uya kuthetha nabo esengcweleni. Uya kuba secaleni kwabo entlango. Sekunjalo, baya kufa size isizukulwana esitsha sithabathe apho bashiye khona size sikuzuze ukuphumla eliZweni leDinga.

Oku kuvakala ngathi kukugwetywa; kanti lubabalo lwenene. Besiya kuthini esi sizukulwana ukoyisa izikeko zaseKanan ezinamandla singekakufundi ukumthamba uThixo? Besingaba kukukhanya njani ezizweni xa sona ngokwaso besisa khubeka ebumnyameni?

Zithini izifundo ezinzima ozifundileyo ngeziphumo zesono esixolelweyo?

Ukholo Luthlekiswa Nobuganga

Ziintoni ezifanayo ozibonayo ekubhaduleni entlango nakubantu bakaThixo abaphila kanye phambi kokuBuya kwesiBini kukaYesu? (Bona: 1 Kor. 10:1–11.)

Kuyo yonke imbali, abantu bakaThixo babejikeleza entlango njengoko babefuna iliZwe leDinga. Le ntlango ineembonakalo ezininzi. Ngoku, ikhangeleka njengethintela uqhagamshelwano, ingxolo yezigidimi ezingenayo efowunini, nokugquma okunzulu kolonwabo olungapheliyo. Izama ukusithengisela uncwadi lombulo, njengothando nokuthanda ubutyebi njengeziyimpiculo kwiingxaki zethu. Ukuba singaba namandla, sibe nobutsha, sibe nobutyebi obuthe chatha, sibe nobuhle obunomtsalane kwisondo—konke oko bekuya kuzanela zonke iingxaki zethu.

NjengamaIsrayeli, asiphumli ekufuneni kwethu uxolo, kwaye sikhohlisa ukulukhangela kwiindawo ezingalunganga.

Asabela njani amaIsrayeli kwizigwebo zikaThixo kuNumeri 14:39–45?

Ukusabela kukaIsrayeli kwizigwebo zikaThixo kwakukokona kulindelekileyo. “Sonile,” batsho. “ Siya kunyuka siye kuloo ndawo ayithethileyo uYehova’ ” (*Num. 14:40*).

Ukuzinikela okungaphelelanga kufana nokugonya okwenziwe kakubi—akusebenzi. Namhlanje, oogqirha bacebisa ukujova ngeHepatitis B kanye emva kokuzalwa, zingaphelanga iiyure ezingama-24 zokuqala zobomi. Sisiqalo esihle eso. Sekunjalo, emva kolo jovo lokuqala, ukuba akulandelanga izikhuthazi ezibini okanye ezithathu eziye zenziwa ngexesha elililo nangomlinganiselo olungileyo, akusayi kubakho kukhuseleka kwiHepatitis B nakanjani.

Ukubuyela kukaIsrayeli ekuvukeleni, okuxelwe kwiindima zokugqibela zikaNumeri 14, kwaba nesiphumo sokufa nokudaniswa xa ngoku amaIsrayeli esala ukwamkela imiyalelo emitsha kaThixo athi, ngeenkani, enza uhlaselo engayiphethe ityeya yomnqophiso okanye ngaphandle kwenkokelo kaMoses.

Ubuganga [okanye ubugagu] buyindleko; ubuganga bukhokelela ekufeni. Amaxesha amaninzi, ubuganga bunikwa amandla kukoyika. Kuba sisoyika into ethile, siye senze izigqibo esithi kamva sizisole ngazo.

Cinga ngexesha owawusenza izinto ngokholo nangexesha wawuzenza ngobuganga [ngobugagu]. Wawuyintoni umahluko obalulekileyo?

Ingamango Eyongeziweyo: “Ngoku, bakhangeleka benyanisekile ekuguqukeni kwisimilo sabo sesono; kodwa baba buhlungu ngenxa yesiphumo sendlela yabo yobubi kunokuba babe buhlungu ngenxa yokwazi ukungabi nambulelo nokungathobeli kwabo. Bathi bakufumanisa ukuba uYehova akaguquki kumthetho waKhe, ukuzithandela kwabo kwavuka kwakhona, bavakalisa ukuba abasayi kubuyela entlango. Ekubayaleleni kwaKhe ukuba barhoxe kwizwe leentshaba zabo, uThixo wayevavanya oku kungathi kukuzinikela kwabo, wakufumana ukuba akunyanisekanga. Babesazi ukuba bona kakhulu ngokuvumela ukuba imvakalelo yabo edyuduzelayo ibalawule, kwanokufuna kwabo ukubulala iintloa ezazibakhuthaza ukuba bathobele uThixo; kodwa babesoyika, baphawula ukuba benze impazamo embi eziphumo zayo zaba yintshabalalo kubo. Iintliziyo zabo zazingaguqukanga, ntonje befuna isizathu sokuba baphinde benze into ekwafana naleyo [babeyenzile]. Oku kwaya kwenzeka xa uMoses, ngegunya likaThixo, wayebayalela ukuba babuyele entlango.”—Ellen White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 391.

“Lona ukhohlo aluhambelani konke nobugagu. Kuphela ngulowo unokhohlo lwenene okhuselekileyo ngasekubeni nobuganga. Ubugagu ngunomgogwana wokhohlo kaSathana. Ukhohlo lubanga izithembiso zikaThixo, kuze kuthwale isiqhamo sokuthobela. Ubugagu nabo bubanga izithembiso, kodwa luzisebenzisa njengoko wenjenjalo uSathana, ukuthethelela ulwaphulo lomthetho. Ukhohlo ngelwalubakhokelele abazali bethu bokuqala ekuthembeleni kuthando lukaThixo, nokuthobela imiyalelo yaKhe. Ubugagu kwabakhokelela ekwaphuleni umthetho waKhe, bekhohla ukuba uthando lwaKhe olukhulu luya kubasindisa kwisiphumo sesono sabo. Asilulo ukhohlo olubanga imfesane yeZulu ngaphandle kokuthobela iimeko ethi inceba inikwe phezu kwazo. Ukhohlo lwenene lusekelwe kwizithembiso namalungiselelo eziBhalo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 126.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- ① Xoxani ngomahluko phakathi kokhohlo nobuganga. Kutheni le nto ukoyiswa kwezwe laseKanan ekuqaleni kubonwa njengesenzo sokhohlo kuze kuthi kamva, xa amaIsrayeli ehlasela, sibonwe njengesenzo sobuganga? Iinjongo neemeko ziyidlala njani indawo enkulu phakathi kokhohlo nobuganga?
- ② Gxilani kwinto yokuba, nangona isono sinako ukuxolelwa, kuye kunyanzeleke ngamaxesha amaninzi ukuba siphile neziphumo zazo ezo zono. Ningabanceda njani abo balwa nokwazi ukuba basixolelwe phofu esisabonakala sinegalelo elibi kubo, mhlawumbi, nakwabo babathandayo.